Zonke iiNtlanga neBhabheli

SABATHA EMVA KWEMINI

Funda Ukulungiselela Isifundo Sale Veki: *Gen. 9:18–11:9, Luke 10:1, Mat. 1:1–17, Luka 1:26–33, Ndum. 139:7–12, Gen. 1:28, Gen. 9:1.*

Indima Yenkumbulo: **"Ngenxa yoko kwathiwa igama lawo yiBhabheli; ngokuba uYehova wayiduba khona apho intetho yehlabathi lonke, wabachithachitha kwalapho uYehova ehlabathini lonke"** *(Genesis 11:9)***.**

Emva koNogumbe, ingxelo yeBhayibhile iyasuka kwingqalelo ekwisiqu esinye, uNowa, iye koonyana bakhe abathathu, "uShem, uHam, noYafete." Ingqalelo eyodwa kuHam, uyise kaKanana *(Gen. 10:6, 15)*, izisa ingcamango "yeKanana," iLizwe leDinga *(Gen. 12:5)*, umnqweno kaAbraham, ontsikelelo yakhe izakufikelela zonke iintlanga *(Gen. 12:3)*.

Noko kunjalo, umgca uqhawulwa yiNqaba yaseBhabheli *(Gen. 11:1–9)*. Kwakhona, izicwangciso zikaThixo ngakuluntu ziyaphazamiseka. Oko kwakufanele ukuba yintsikelelo, ukuzalwa kweentlanga zonke, kuba sesinye isehlo sesinye isiqalekiso. Iintlanga ziyamanyana ukuze zizame ukuthatha indawo kaThixo; uThixo usabela ngesigwebo kubo; yaye, ngenxa yodubo oluyimiphumela, abantu bachithachithwa ehlabathini liphela *(Gen. 11:8)*, ngalo ndlela bezalisekisa icebo lokuqala likaThixo "lokuzalisa ihlabathi" *(Gen. 9:1)*.

Ekugqibeleni, naphakathi kobubi boluntu, uThixo uguqula ububi ibe kukulunga; Yena, usoloko, enelizwi lokugqibela. Isiqalekiso sikaHam ekwintente kayise *(Gen. 9:21, 22)* nesiqalekiso seentlanga ezidubekileyo kwiNqaba yaseBhabheli *(Gen. 11:9)*, kamva, sizakuguqulwa sibe yintsikelelo yeentlanga.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Apreli 30.*

Isiqalekiso sikaHam

Funda: kwiGenesis 9:18-27. Yintoni umyalezo weli bali lingaqhelekanga?

Isenzo sikaNowa esidiliyeni sakhe yintlokoma kaAdam eMyezweni waseEden. La mabali mabini aqulathe imixholo efanayo: ukudliwa kwesiqhamo okwakhokelela kubuze; kuze ukwambathiswa, isiqalekiso, kunye nentsikelelo. UNowa uqhagamshelanisa kwiingcambu zakhe zikaAdam aze, ngelishwa, aqhubekeke nalo mbali isileleyo.

Ukubiliswa kwesiqhamo zange kube yinxalenye yendalo yokuqala kaThixo. UNowa waziyolisa, waza waphulukana nokuzeyisa wazihluba. Into yokuba uHam "wabubona" ubuze bakhe isikrobisa kuEva, naye "owawubonayo" umthi owalelweyo *(Gen. 3:6)*. Olu faniso lubonisa ukuba uHam akazange nje kuphela "abone" ngokusekhusini, ngengozi, ubuze bukayise. Wazula ethetha ngako, engakhange azame nokukhathalela ingxaki kayise. Ngokungafaniyo, ukusabela okukhawulezileyo komntakwabo ukuba ambathise uyise wabo, lo gama uHam emshiye entswayiza, ngokuphandle kwachasa izenzo zikaHam.

Umba ongundoqo apha ugxile ekuhlonipheni abazali bakho. Ukusilela ukubeka abazali bakho, abamele izolo lakho, kuzakuchaphazela ingomso lakho Yiyo kukho isiqalekiso, esizakuphembelela ingomso likaHam nelo lonyana wakhe uKanan.

Eneneni, yimpazamo eyimfundiso ekrwada nolwaphulo-mthetho lokuziphatha ukusebenzisa le ndima ukuthethelela iimfundiso zobuhlanga ngakuye nabani na. Isiprofeto simiselwe ngokungqongqo kuKanana, unyana kaHam. Umbhali weBhayibhile unazo engqondweni ezinye zezenzo ezingcolileyo zamaKanan *(Gen. 19:5–7, 31–35)*.

Ukongeza, isiqalekiso siqulathe idinga lentsikelelo, ebonakala kwigama "Kanan," eliphuma kwisenzi u-kana', elithetha "ukweyisa." Oku kukusingisela kwesiprofeto ekwandeni komnqophiso kaThixo kuzo zonke iintlanga, ezizakwamkela isigidimi sosindiso sikaSirayeli ehlabathini *(Dan. 9:27, Isa. 66:18–20, Rom. 11:25)*. Isiqalekiso sikaHam, eneneni, sizakuba yintsikelelo yazo zonke iintlanga, kuquka nayiphi iminombo kaHam noKanan eyamkela usindiso abalunonuswe nguYehova.

UNowa, "iqhawe" likaNogumbe, unxilile? Oku makusixelele ntoni ngendlela esinamakhwiniba ngayo xa Sisonke kwanokuba kutheni siding ubabalo lokuThixo kumzuzu ngamnye wobomi bethu?

IsiQalo Somnombo

Ingcombolo elandelelanayo ngobudala bukaNowa yenza siqonde ukuba uNowa likhonkco phakathi kweenkcubeko phambi koNogumbe nasemva koNogumbe. Iivesi zokugqibela ezimbini zebali elandulelayo *(Gen. 9:28, 29)* zisibuyisela emva kwikhonkco lokugqibela lomnombo kaAdam *(Gen. 5:32)*. Ngenxa yokuba uAdam wabhubha xa uLameki, uyise kaNowa, wayeminyaka ima-56 ubudala, uNowa ngokuqinisekileyo waweva amabali ango-Adam, awayenokuwadlulisela kwinzala yakhe ngaphambi nasemva koNogumbe.

Funda: kwiGenesi 10. Yintoni injongo yalo mnombo eBhayibhileni? *(bona kanjalo kuLuka 3:23–38.)*

_____

_____

_____

Umnombo weBhayibhile uneenjongo ezithathu. Okokuqala, ugxininisa imo yembali yeziganeko zeBhayibhile, ezinxulumana nabantu bokwenyani abaphilayo bafa nabamihla yabo ibalwe ngokutsolileyo. Okwesibini, udandalazisa ukuqhubekeka ukusuka kumaxesha amandulo ukuza kuthi ga kwixesha langoku lombhali, uzinzisa ikhonco elicacileyo lexesha ela dlulayo kwela "ngoku." Okwesithathu, usikhumbuza ngobu-ethe-ethe bobuntu nefuthe elilusizi lesiqalekiso sesono nemiphumela yaso etshabalalisayo kwizizukulwana zonke ezilandeleyo.

Qaphela ukuba ukuhlelwa "kwamaHam," "amaShem," kunye "namaYafete" akulandeli indlela ecacileyo. Iintlanga ezingama-70 zibonisa amalungu angama-70 osapho lukaYakobi *(Gen. 46:27)* kunye namadoda amakhulu angama-70 akwaSirayeli entlango *(Eksod. 24:9)*. Ingcamango yongqinelwano phakathi kweentlanga ezingama-70 namadoda amakhulu angama-70 ibonisa umsebenzi kaSirayile kwiintlanga: "Ekuzabeleni kOsenyangweni iintlanga ilifa, ekubahlulahluleni kwakhe oonyana baka-Adam, wayimisa imida yezizwe ngokwenani loonyana bakaSirayeli *(Dut. 32:8)*. Kwangalendlela inye, uYesu uthuma abafundi abangama-70 ukuba bavangele iintlanga *(Luke 10:1)*.

Into eyisiboniswa yile ngcombolo likhonkco elithe ngqo phakathi kukaAdam namanyange; bonke baziziqu ezikwimbali, abantu bokwenyani ukusuka kuAdam ukutyhutyhumeza. Oku kanjalo kusinceda siqonde ukuba amanyange ayenxibelelana ngqo namangqina aneenkumbulo buqu zezi ziganeko zamandulo.

Funda kuMateyu 1:1-17. Oku kusifundisa ntoni ngendlela abakwimbali ngayo aba bantu? Kutheni ukwazi nokukholelwa ukuba yayi ngabantu bokwenyani kubalulekile kwinkolo yethu?

_____

Intetho Enye

Funda: **kwiGenesis 11:1-4. Kwakutheni ukuze abantu "behlabathi lonke" babenomdla wokuphumeza ubunye?**

Ibinzana "lonke ihlabathi" lisingisele kwiqaqobana labantu, abo babephila emva koNogumbe. Isizathu sale ngqungquthela sidandalaziswe ngokuselubala: bafuna ukwakha inqaba ukufikelela emazulwini *(Gen. 11:4)*. Eneneni, injongo yabo yokwenene kuthatha indawo kaThixo buQu, uMdali. Ngokuselubala, inkcazelo yeenjongo nezenzo zabantu yintlokoma yeenjongo nezenzo zikaThixo kwingxelo yeNdalo: "bathi" *(Gen. 11:3, 4; thelekisa neGen. 1:6, 9, 14, njalo njalo.*); "masenze" *(Gen. 11:3, 4; thelekisa neGen. 1:26)*. Injongo yabo idandalaziswe ngokuselubala "'sizenzele igama'" (Gen. 11:4), intetho esetyenziswa kuphela kuThixo *(Isa. 63: 12, 14).*

Ngokufutshane, abakhi beBhabheli bafukama igugu elitenxileyo lokuthatha indawo kaThixo, uMdali. (Siyayazi ngubani owaxhokonxa oko, akunjalo? Bona ku-Isa. 14:14.) Inkumbulo kaNogumbe igciniwe kwisithethe saseBhabheli, nakuba igqwethiwe, ngokungqamene nokwakhiwa kwesixeko saseBhabheli (iBhabheli). Lo mgudu unyukayo wokufikelela ezulwini ukuze uphang'igunya uThixo, ngokwenene, uzakuphawula umoya weBhabheli.

Kwangokunjalo, yiyo lo nto ibali leNqaba yaseBhabheli lingumxholo obalulekileyo kwincwadi kaDaniyeli. Ukusingisela kwiShinare, esingenisa kwibali leNqaba yaseBhabeli *(Gen. 11:2)*, kuvela kwakhona ekuqaleni kwencwadi kaDaniyeli, ukuze kuxelwe indawo uNebhukadnetsare azise kuyo iimpahla zetempile eseJerusalem *Dan. 1:2)*. Phakathi kwentlaninge yezinye iindima zencwadi, isiqendu sikaNebhukadenetsare esakha umfanekiso wegolide, mhlawumbi kwindawo enye "kwithafa" elinye, sesona sibonakalisa ngokuphandle le ngcamango. Kumbono wakhe wokuphela, uDaniyeli ubona kwa esi siganeko sinye seentlanga zehlabathi zihlanganisana kunye ukuphumeza ubunye ngeliphikisana noThixo *(Dan. 2:43, Dan. 11:43–45; thelekisa neSiTyhi. 16:15, 16)*, nangona eli linge lisilela apha, kwanjengoba, lenzayo kwiBhabheli.

Umbhali ongakhonziyo oyindumasi womFrench wenkulungwane edlulileyo wathi injongo emandla yoluntu kukuzama "ukuba nguThixo."Yintoni ongathi, ukususela kuEva eEden *(Gen. 3:5)***, eyenza sitsaleleke kobu buxoki buyingozi?**

"Masehle"

Funda: kwiGenesis 11:5-7 nakwiNdumiso 139:7-12. Kwakutheni ukuze uThixo eze emhlabeni apha? Sasiyintoni isiganeko esasikhuthaza olu sabelo lungcwele?

Ngokuyimpoxo, nangona amadoda ayesenyuka, uThixo kwafuneka ehleze eze kuwo. Ukwehla kukaThixo sisiqinisekiso sokongama kwaKhe. UThixo uyakusoloko engaphaya kokufikelela kwethu kobuntu. Nawuphi umgudu wobuntu wokunyukela kuYe nowokudibana naYe ezulwini yinkcitha-xesha nobuyatha. Akuthandabuzeki, yiyo lo nto, ukuze asisindise, uYesu weza ezantsi kuthi; kwakungekho, ngokwenene, ndlela yimbi yokusisindisa kuYe.

Impoxo emandla kwingxelo yeNqaba yaseBhabheli ibonakala kwintetho kaThixo: "eza kukhangela umzi lowo, nenqaba leyo inde" *(Gen. 11:5)*. UThixo kwakungadingeki ukuba ehle ukuze abone *(Ndum. 139:7–12; thelekisa neNdum. 2:4)*, kodwa ke noko kunjalo wenza njalo. Le ngcamango igxininisa ukubandakanyeka kukaThixo eluntwini.

Funda: kuLuka 1:26-33. Oku kusifundisa ntoni ngokwehlela ngezantsi kukaThixo kuthi?

Ukwehla kukaThixo kukwasikhumbuza ngommiselo wobulungisa ngokholo kunye nenkqubo yobabalo lukaThixo. Nokuba ngowuphi umsebenzi esinokuwenzela uThixo, uyakwehla sekunjalo ukuza kuqubisana nathi. Asiyonto esiyenzela uThixo ezakusizisa kuYe nakwinkululo. Endaweni yoko, yintshukumo kaThixo ejoliswe kuthi ezakusisindisa. Eneneni, kabini le ndima ikwiGenesis ithetha ngoThixo "esehla," nto leyo ekhangeleka ibonisa indlela awayeyikhathalele ngayo into eyayiqhubeka apho.

Ngokwalendima, uYehova wayefuna ukuphelisa umanyano lwabo olwendeleyo, olwalunokuthi-ngenxa yemeko yabo ewileyo-lukhokelele kuphela kububi ngakumbi nangakumbi. Yiyo lo nto wakhetha ukuduba iintetho zabo, nto leyo ezakuphanzisa izicwangciso zabo ezimanyeneyo.

"Izicwangciso zabakhi beBhabheli zaphela ngehlazo nokoyiswa. Isikhumbuzo sekratshi labo saba sisikhumbuzo sobudenge babo. Sekunjalo abantu bayaqhubekeka behamba kwikhondo elinye-ukuxhomekeka kumna, nokubukula umthetho kaThixo. Ngummiselo uSathana awazama ukuwuphumeza ezulwini; kwalo umnye wawulawula uKayin ekuziseni kwakhe idini."—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, p. 123.

Siwubona njani kwingxelo yeNqaba yaseBhabheli omnye umzekelo wekratshi lobuntu kwakunye nendlela, ekugqibeleni, elizakusilela ngayo? Zifundo zini esinokuzithathela zona buqu kweli bali?

Ukukhululwa kweMbacu

Funda: kwiGenesis 11:8, 9 nakwiGenesis 9:1; thelekisa neGenesis 1:28. Kutheni ukuchithachitha kukaThixo kukhulula nje?

_____

_____

_____

Isicwangciso nentsikelelo kaThixo kuluntu yayikukuba " 'bande, bazalise ihlabathi' " *(Gen. 9:1; thelekisa neGen. 1:28)*. Ngokuchasene necebo likaThixo, abakhi baseBhabheli bakhetha ukucukana kunye njengabantu abanye. Isizathu esinye abasikhankanyayo sokuba bafune ukwakha isixeko yayikukuba " 'hleze sichathakalele ehlabathini lonke' " *(Gen. 11:4)*. Balandula ukufudukela kwenye indawo engenye, mhlawumbi becinga ukuba xa bekunye bazakuba namandla kakhulu kunaxa bahluliwe bachithachithwa. Kwaye, kwelinye icala, babenyanisile.

Ngelishwa, bafuna ukusebenzisa amandla abo amanyeneyo ebubini, hayi kokulungileyo. Babefuna "'ukuzenzela igama,'" ukuqwalasela okumandla ekukhukhumaleni nakwikratshi labo. Ngokwenene, ngalo lonke ixesha abantu, ngokudelela uThixo esidlangaleleni, befuna "'ukwenza igama' labo, masiqiniseke soze ilunge. Zange ilunge.

Yiyo lo nto, ukugweba indelelo yabo ephandle, uThixo wabachithachitha "ehlabathini lonke" *(Gen. 11:9)*, kanye le nto babengafuni yenzeke.

Okunika umdla ngeyona ndlela, igama uBhabheli, elithetha "isango likaThixo," linxulumene nesenzi u- *balal*, esithetha "udubo" *(Gen. 11:9)*. Kungenxa yokuba babefuna ukufikelela "kwisango" likaThixo, ngenxa yokuba babezicingela ukuba banguThixo, le nto baphetha bedutywa yaye ethile amandla kunangaphambili.

"Amadoda aseBhabheli agqiba ekumiseleni uburhulumente obuzimele geqe engekho uThixo. Kwakukho abathile kubo, noko kunjalo, ababemoyika uYehova, kodwa ababelukuhlwe ziinkohliso zabangendawo baza batsaleleka kwizincwangciso zabo. Ngenxa yaba bathembakelyo uYehova wazilibazisa izigwebo zaKhe waza wanika abantu ithuba lokuba batyhile isimilo sabo sokwenyani. Lo gama oku kwakuphuhla, oonyana bakaThixo basebenzela ukubajika kwiinjongo zabo; kodwa abantu babemanyene kwisenzo sabo esidelela iZulu. Ukuba babenganqandwanga, ngebalonakalisayo ihlabathi kwasebutsheni balo. Umanyano lwabo lwalusekelezelwe phezu kovukelo; ubukumkani obumiselwe ukuziphakamisa, kodwa uThixo engazukuba nalawulo okanye imbeko."—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, p. 123.

Kutheni kufuneka sikulumkele kakhulu ukufuna "ukwenza igama" sisenzela thina?

Ingcamango Ngakumbi: Read Ellen G. White, "The Tower of Babel," pp. 117–124, in *Patriarchs and Prophets*.

"Bagqiba ekwakheni isixeko, nakuso inqaba ephakame ngokumangalisayo. . . . La maphulo ayecwangciselwe ukuthintela abantu ekuchithachithekeni gabalala babe ngamaqela. UThixo wayalela abantu ukuba bathi saa ehlabathini, ukuba bawuzalisa baweyise; kodwa abakhi baseBhabheli bagqiba ekubeni uluntu lwabo lube yimbumba, luze lufumane ubukumkani obuzakuthi kamva buquke lonke ihlabathi. Ngalo ndlela isixeko sabo sakuba ngundlu-nkulu wobukumkani obunguzwe-lonke; ubuqaqawuli baso buzakubiza ukuthandwa nembeko yehlabathi yenze nabaseki baso bahlonitshwe. Inqaba elipomakazi, efikelela emazulwini, yayicwangciselwe ukuba ime njengesikhumbuzo samandla nobulumko sabakhi bayo, ukugcina udumo lwabo ukuya kuqhina kwizizukulwana zokugqibela.

"Abemi bethafa laseShinare zange bawukholelwe umnqophiso kaThixo wokuba akazokuphinda kwakhona azise uNogumbe ehlabathini. Uninzi lwabo lwabuphika ubukho bukaThixo baza babalela uNogumbe njengokusebenza kwezizathu zemvelo. Abanye babekholelwa kwisiQu esoNgameleyo, kwanokuba nguYe otshabalalise ihlabathi langaphambi koNogumbe; zaza iintliziyo zabo, njengaleyo kaKayin, zavukela ngokuchasene naYe. Into eyayiphambili kubo ekwakheni kwabo yayi kukuqinisekisa ukhuseleko lwabo xa kunokwehla omnye unogumbe. Ngokunyusa isakhiwo kumphakamo ongaphaya kokufikelelwa ngamanzi kaNogumbe, babeba bazibeka ngaphaya kwengozi enokwehla. Kwaye ngokuya benako ukunyukela kwingingqi yamafu, babenethemba lokuqinisekisa unobangela kaNogumbe. Yonke le nquleqhu yayenzelwe ukuphakamisa ngakumbi ikratshi labayili bayo nokususa iingqondo zezizukulwana ezizayo kuThixo zize zikhokelelwe kunqulo-zithixo."—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, pp. 118, 119.

Imibuzo Yengxoxo:

❶ Mzekelo mni esinawo kwimbali, nkqu nangoku, wengxubakaxaka enokuza nabo bazama ukuzenzela igama?

❷ Singayiphepha njani, njengebandla, ingozi, nkqu nasezingontsini zengqondo, yokuzama ukuzakhela eyethu iNqaba yaseBhabheli? Zeziphi iindlela esingathi kanye sizame ukwenza oku, nkqu nasezingontsini zengqondo?